

NOVEMBA 2012

24 Hour Emergency	028 313 8000/8111
Fire Brigade	028 312 2400

# Bulletin

*Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni*

## ILINGE LIKAZWELONKE LOKUNCOTHULA NEENGCAMBU UBUQHOPHOLOLO

# I-WORKSHOP YE- ETHICS ESUNGULWE E-OVERSTRAND

Okokuqala kuMasipala weOverstrand malunga namalungu ezoshishino ali-150 athathe inxaxheba kwi-workshop ebiseHermanus ngoLwesine umhla wama-27 Septemba 2012 apho bekuxoxwa ngemicimbi yeendlela zokuziphatha ezilungileyo malunga nenkqubo yokuthenga izinto zikamasipala.

Le workshop ebiququzelelwa ngumnu.Kris Dobie obesuka kwaEthics South Africa, injongo yayo ibikukukhuthaza ubungangamsha nokwenza izinto elubala kuzo zonke izinto eziphathelele kulawulo lobonelelo ngezinto kumasipala nabezoshishino ngendlela emanyeneyo ukulwa ubuqhophololo nobuqhetseba.

Le workshop, esungulwe nguEthics SA njengenxalenye yephulo elibanzi likamasipala lokulwa nobuqhophololo ithatyathwa njengeyokuqala koomasipala.

Imibutho yoosomashishini yaseHermanus neyaseGansbaai ithathe inxaxheba enkulu ekwaziseni le workshop.

Kwintetho yakhe yokuvula uMphathi kaMasipala uCoenie Groenewald uvakalise ithemba lokuba intsebenziswano phakathi kwabezoshishino naboLawulo loBonelelo ngeZinto ingakhuliswa ngokweenzame zika-zwelonke zokuncothula ubuqhophololo

nobuqhetseba.

Uthe ukuze amagosa kamasipala asebenze ngempumelelo kumbono weOverstrand wokuba liZiko lobuNgcali kuluntu kufuneka abezoshishino beyiqondile indlela esisebenza ngayo nokulindelweyo kuthi ngokomthetho.

Xa sijonga imeko yokuziphatha kakuhle neyezoqoqosho koomasipala eMzantsi Afrika kufuneka sime kunye ekukhuseleni uqoqosho lweendawo zethu sikwenze oko ngendlela enem-beko neziphethe kakuhle neselubala.

Kunyaka-mali odlulileyo (2010), uMasipala weOverstrand ufumene ingxelo yohlolo-zimali engenachaphaza, nto leyo ethetha ukuba iinkqubo zethu ziyahambelana nemigaqo yethu kwaye kulawulwa ngokomthetho. Kunjalo sisoloko sisenza iinzame zokuziphucula iinkqubo nemigaqo yethu ukwenzela ukunceda abantu bethu ngeyona ndlela ilungileyo, utshilo umnu. Groenewald.

Ugqibezele wathi le workshop ize ingabonwa njengento eyenziwa kube kanye koko ibonwe njengesiqalo soku-dala iqonga lonxibelelwano oluselubala phakathi kukamasipala nabezoshishino. Umbono nenjongo yokudala eli qonga kukudala imeko yokuphumelela macala omabini kujongwa ekuyiqonde-ni imeko yecala ngalinye ngokweem-funo nemingeni



**KwiWorkshop ye-Ethics ngomhla wama-27 Septemba ukusuka ekhohlo nguHenk Kleinloog, uMlawuli kweZemali, uMorné Potgieter, uMphathi kweKhontrakhi, uIngrid Thesen, igosa kwe-Zokubonelela, uKris Dobie, weEthics South Africa, uAlta Pretorius, iCEO yeHermanus Business Chamber, uGert Wepener, uManager kwicandelo loKuthenga, uCoenie Groenewald, uMphathi kaMasipala, uFanie Bothma, uSihlalo weGansbaai Business Chamber, noMervin Milner, uSihlalo weHermanus Business Chamber**



**Abancedisi ekuPakeni izithuthi bakulungele ukusebenza phantsi kweemeko ezimbi zemozulu**

## ABALAWULI BENDAWO YOKUPAKA IZITHUTHI BATYHILA KWELINYE IPHEPHA

Ngomhla wesi-2 Septemba ulawulo lwenkqubo yokupaka izithuthi kumbindi wedolophu (CBD) yase-Hermanus luthatyathwe nguMasipala iOverstrand kodwa ngokweengxelo yabasebenzisi sekukho ukuphucuka kwemeko.

Kugxininiswa ngokukodwa kuqeqesho lwabaxhasi xa kupakwa ababesaya kwaziwa njengee-mashali ukuba banikezele ngenkonzo enem-beko nengenamagingxigxigi. Ku-phuculwe nomgangatho wempahla

yabo yokusebenza ukwenzela ukuba babonakale ngokukhawuleza kwi-moto ezizayo.

Kwiindlela ezintsha i-Park, Pay and Display kufuneka umninimoto ahlawule kuqala ukwenzela ukuba abaxhasi bakwazi ukujonga nezinye iimoto ezifuna ukupaka. Asiyondlela intsha le njengoko kwiindaba ezininzi abanini-zimoto babekhuthazwe ukuba benze oku ukususela ngowama-2010 ke lo myalezo uxhaswe ziimpawu zendlela ezintsha ezichazayo.

Ukuba umninisithuthi ufuna ukongeza ixesha lokupaka unokongeza athenge kumxhasi engakhange ayise imoto yakhe. Abo banqwenela ukupakisha ixesha elide bayakhuthazwa ukuba basebenzise indawo yokupaka efelefele engaphandle kwi-CBD. Ngaphaya koko kuza kuba kho indawo yokupaka efelefele ngexesha elingaxakekanga. Ezi ndawo ziza kuba seMarine Drive naseGearings Point. NgeeCawe nangeeholide zenkolo kuza kupakishwa felefele.

Amaxabiso neeyure awatshintshanga ngaphandle kwangoLwesihlanu emva kweye-15:00.

Injongo ephambili kamasipala kukuququzelela ukupaka izithuthi nokugcina inkonzo eyiyo eza kukhuthaza ushishino nokhenketho kule ndawo. Ngentsebenziswano yomntu wonke oku kungenzeka ngokukhawuleza utshilo uMnu Paul Pfister, umlawuli weprojekthi. Ubani ofuna ukuqonda angafonela inombolo 028 313 8919 ngeeyure zomsebenzi.

## INYENYISIWE IMIQOBO EBIVALELA ABANTU AMATHUBA OKUZIFUMANELA IZINDLU ZAMAXABISO AFIKELELEKAYO

IBhunga likaMasipala i-Overstrand sele lisikhuphile isivumelwano sokunyenisa imiqobo ezalayo nemihlaba yaseMount Pleasant, mihlaba leyo ichongelwe iprojekthi yokwakhiwa kwezindlu zamaxabiso afikelelekayo eluntwini neyaziwa ngokuba yi-GAP Housing.

Esi sahluko kwintengiso yezindlu singqale ngqo kuloo makhaya anelungu (nokuba linye) losapho eliphangela isigxina, okanye elineshishini eliqhuba kakuhle (libhalisiwe okanye lingabhalisiwanga) kodwa lingenzanga nzuzo kuya phi okanye butyebi bungakanani elinokubambisa ngabo njengedipozithi yokuthenga ikhaya khona ukuze lihle ixabiso lemali mboleko yokuthenga indlu.

Le miqobo ibisakuvalela uluntu amathuba okuzifumanela izindlu ngokuthi igxininise ekubeni lowo uthengayo abe kanti ungumhlali osisigxina kummandla waseOverstrand;

nokuba abe kanti uyaqala ebomini ukuthenga indlu futhi esamkela imali ephakathi kwama-R3 500 ukuya kuma-R15 000 ngenyanga. Emva kwemijikelo emithathu yokukhuthaza abantu ukuba bazithengele amakhaya, ibe zizindlu ezine (4) nje kuphela kwezingama-22 eziye zathengiseka, futhi yacaca nje mhlophe ukuba yile miqobo kanye eyalela abantu amathuba okuzifumanela amakhaya – nto leyo ingumqobo ekuphumezeni iinjongo zale projekthi njenjengo ixhibe ukuvula amathuba okuthenga izindlu kwabo bangenakufikelela kumaxabiso aphezulu ezindlu futhi kunzima kubo nokufumana ezi malimboleko ezibhankini.

Kungoko le miqobo inyenisiwa nje khona ukuze nabo sebehleli koomaNtshona-Kapa kangangeminyaka emithathu ubuncikane balifumane ithuba lokuthenga izindlu kulo mmandla (phofu kugxininisewe ekubeni

abantu abahlala kummandla kaMasipala i-Overstrand balinikwa kuqala ithuba lokuthenga). Kunjalonje nabo sele bakhe bangabanini- makhaya ngaphambili bayalunikwa ngoku ithuba lokubuya bazithengele izindlu, kodwa kujongwe kuqala ukuba abatyali-zimali nakwezo propathi sele benazo futhi beyenza imali efikelela kuma- R30 000.00 ngenyanga.

Lishumi elinesixhenxe lezindlu ezingekathengwa, kwaye amaxabiso azo abetha phakathi kwama-R97,926.00 nama-R99,750.00.

IBhunga likaMasipala i-Overstrand likwakhuphe nesivumelwano sokuba esiye isibhozo semihlaba eMount Pleasant naseZwelihle naso masithengiswe ukuze kwakhiwe kuyo izindlu zamaxabiso afikelelekayo. Uluhlu lwemihlaba eseke kunikezelwe ngayo luquka ezi nombolo zomhlaba

zilandelayo: u-7374, u-7375 no-7377 kwiSitalato i-Angelier (eMount Pleasant); u-7386 no-7388 kwiSitalato i-Leeubekkie (eMount Pleasant); u-1635, u-1636 no-1637 kwiSitalato iSalukazana (eZwelihle).

Isiza sethoba esikumhlaba waseZwelihle ebesele naso sichongelwe ukwakhiwa kwezindlu siye sakhutshwa kolu luhlu lwemihlaba ebonelwe ukwakhele ezi zindlu zimaxabiso afikelelekayo emva kokuba iBhunga belikhe lawuhlola lo mhlaba, laza lagqiba kwelokuba xa sele kuphindwe kwahlulwa imihlaba, esi siza siza kubiyelwa sona ze kwakhiwe ipaki yokudlala abantwana apho kuso. Sithathiwe ke nesigqibo sokuba omnye kwakule mihlaba ikulo mmandla wamashishini asemancinane waseMount Pleasant uza kubekwa khona ukuze kwakhiwe isikolo sabantwana abancinane apho kuwo.

### UKUVALWA KWEE-OFSI NGEXESHA LEEHOLIDE

Ngenxa yokuba iKrisimesi neNyibidyala ziphakathi evela kuni kulo nyaka ii-ofisi ziza kuvalwa ngeentsuku ezahlukileyo kwezeminyaka engaphambili. Ii-ofisi ziza kuvalwa ngoMvulo umhla wama-24 Disemba 2012 nangoMvulo umhla wama-31 Disemba 2012, ngaphandle kweenkonzo eziyintsika. Emva kweKrisimesi nempinda ii-ofisi ziza kuvulwa ngokwesiqhelo ngoLwesine nangoLwesihlanu 29 Disemba. ENTshona-Kapa umhla we-2 Janyuwari yiholide kawonke-wonke ze ii-ofisi zivule okokuqala ngoLwesine ngomhla we-3 Janyuwari 2013.

### IVEKI YOKUTYALALIMITHI

UMasipala weOverstrand uthathe inxaxheba kakhulu kwiveki yokutyalwa kwemithi ebiqala ngomhla wo-1 de ibe ngowe-7 Septemba. Iyonke ibe ngamashumi amathandathu imithi etyalwe kwiindawo zoluntu ezahlukeneyo kwiOverstrand ukubhiyozela ikamva lethu elingasoze liphele, ukuxhasa ukuba luhlaza kweOverstrand nokuqagambisa ukubaluleka kokutyalwa kemithi ngokuphathelele kwimozulu yehlabathi. NgoLwesine umhla we-6 Septemba uCeba Dudley Coetzee utyale umdubi encediswa nguShane Foxcroft neBusy Bees Nursery School. Abangeneleleyo kweli phulo ngabe- Khoisan Implementing Agency neStanford Conservation Trust.



### KUCELWA UNCEDO NGEZINTO



Umlilo ombi oqagabhuke ngoLwesihlanu umhla wama-21 Septemba 2012 ematoyombeni eOverhills utshabalalise amatoyombe alishumi elinesixhenxe nto leyo echaphazele abantu abangama-36 kubo ingabantwana aba-6. Emva kokuba ucinyiwe lo mlilo ngeye-03:00 amaxhoba anikwa uncedo ngokuthi anikwe indawo yokuhlala, ukutya nempahla. Emva kweentsuku aba bantu banikwe izikhonkwane, amazinko neepali ukuba bavuse amatoyombe abo. Kwenziwe isicelo kuluntu ukuba lunikezele ngempahla yokwakha efana neengcango neefestile ezizizinto ezingekho kwi sibonelelo soncedo. Abantu abanokunceda mabancede banxibelelane negosa likamasipala weOverstrand laseKleinmond lobonelelo ngezindlu umnu. Joseph Smith, ku-028 271 8424 ngexesha lomsebenzi. Ubalo lwamatoyombe eOverstrand olwenziwe ngowama-30 Juni 2012 lubonakalise ukuhla kancinci kwamakhaya alolu hlobo – ukusuka kuma- 3449 ngoDisemba 2011 ukuya kuma-3436 ngoJuni 2012. Ubalo olwenziwa qho ngeminyaka emibini lwenzelwa ukujonga ukunyuka kwenani lamatoyombe kwaye amanani asetyenziswa ekuplaneni kukaMasipala noRhulumente wePhondo.

### IMIQATHANGO YOKUSETYENZISWA KWAMANZI IRHOXISIWE



Imiqathango yokulondoloza amanzi kwiGreater Hermanus eyaqala ngoDisemba 2010 irhoxiswe ngoko ngokupheleli kukaAgasti. Idama iDe Bos ngoku linamanzi amalunga nama-90 ekhulwini, iGateway Well Field ivelisa ngokupheleleyo kwaye unxibelelwano lwamaqula eHemel-en-Aarde Valley lungagqitywa nanini. USodolophu uNicolette Botha-Guthrie uvakalise umbulelo egameni likamasipala ebulela abahlali ngomonde wabo nentsebenziswano yabo kule minyaka mibini idlulileyo bejongene nentlekele. Igalelo leli phulo livelisewe luphando olwenziwe ngabafundi baseHermanus High School. ULara van Rooyen, uKaila Engelbrecht, uLina Bronkhorst noMiandi Oberholzer, bem i ngokulandelelana kwabo ecaleni kwakhe batyelele izindlu ezingama-80 eVermont, eOnrus naseSandbaai bafumanisa ukuba phantse bonke abantu bayazi ngengxaki yamanzi baza bakunciphisa ukusebenzisa kwabo amanzi. Uninzi lwabo bebewazi ukuba angakanani na amanzi edamini nokuba bahlawula malini na ngekhilolitha yamanzi. Abahlali bayakuxhasa ukuhlaziya nokucoxa kwamanzi. Kuthunyelwe izimvo ezintle malunga nonxibelelwano lukamasipala. Kuthatyathwe amanyathelo abalulekileyo okuhlaziya amanzi, awokukhonzela amanzi emvula nawokusebenzisa iindlela ezinobulumko zamanzi ukuncenckeshela izitya.

### IKWAYARA YABANTWANA YASE-TYGERBERG IZA KUCULA E-HERMANUS



INON BARNATAN



I-OVERSTRAND ARTS/KUNSTE (OAK) iza kuba neekonsathi ezimbini ekupheleni kwenyanga. Emva kwemini ngeCawe umhla wama-25 Novemba, u-INON BARNATAN, umdlali wepiyano wakwaSirayeli uza kudlala eCivic Auditorium ngeye-15h30. NgoMgqibelo umhla wo-1 Disemba, IKWAYARA YABANTWANA YASE-TYGERBERG ingakwinkonsathi yeKrisimesi ngeye-19h00 kwicawe yaseDatshi eHermanus. Amatikiti azo zombini ezi konsathi li-R100 (R50 abafundi). Fonela uBELLINI kwa-028 312 4988 ucele ukubekelwa indawo. Eminye imibuzo ungayibuza kuRené du Plooy kwa-082 940 4238.